# ISlSULU SE NGUBO

ZA

*MADODA NEZA MANKAZANA*

KWA

## GIBBERD NO BRYANT,

## E QONCE.

### Ezamadoda.

Ihempe Ezimhlope, ziqala 3/6 Ihempe ze Printi
Ihempe Ezomeleleyo, ziqala 1/
Ihempe ze Fleneli
Iminqwazi etambileyo, iqala 2/
Iminqwazi ye Twidi, iqala 104d
Ibhulukwe ezomeleleyo zekodi
Ibhulukwe ze Twidi, ziqala 5/ Ibatyi ezimnyama ezilungileyo 15/ Ikolala namaqina
Amaqosha azizitadi nawezihlahla
Ibhulukwe, nebhanti, nehempe, neminqwazana ye Bhola.
Imiqulu eyomeleleyo yehempe 4d.

### Ezamankazana

Ityali ezimnyama, ziqala 2/3
Ityali ezinamabala, ziqala 3/
Ikeshemiya zeqiya ezimnyama, zibanzi kakulu 10/d
Amabala onke ekeshemiya, zibanzi kakulu, 1/3
Izitofu zelokwe, ziyi 4d. 6d. 8d. 1/. iyadi
I Printi (Ezingapumiyo)
I Printi ezibukeshemiya, 6d iyadi
Izitezi, 2/ ne 2/6
Ilokwe ezi kutiwa zi Chemise, 1/6
Ezilokwana zangapezulu ezimhlope (white skirts) 2/
Am igqabi ne Veyile
Ikausi nezihlangu
Amaqina
Ikeleko emhlope

ISUTI ZOKU TSHATA
ILOKWE ZOKU TSHATA, ziqala kwi 20/-
ISETINI EMHLOPE ne SETINA EMHLOPE

KWA

UNGA UNGAGCINA IMALI NA?

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa

63, BATHURST STREET,

E R I N I.

ISUTI ziqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala kwi 5/6; Ibhatyi kwi 7/6 ; Ihempe kwi 1/., njalo njalo, kuzo zonke izinto zalendlu.

U BROOKS utengisa ngezona suti zobu jentilmane ezomeleleyo, ezenziwe ngomyalelo ngabasiki base London. Qiniseka ukuba ziyaku kuhlala—ziqala kwi 40/; Ibhulukwe 12/6. Amakulukulu entlobo ngentlobo onganyula kuzo.

Xa umntu aze kusika ushiya 10/- angati ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkolisanga.

W. BROOKS & CO.,

Abatengisi bengubo zokunxiba,

E-RINI.

## GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL.ASSORTED STOCKS OF

### Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

### Groceries & Oilmen's Stores,

EBUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, &c.—

for Native Trade.

BOUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

# THOS. H COPELAND.

BATHURST STREET,

Uhlala aba neyona mpahla ininzi enjenge

NGUBO ZENTLOBO ZONKE

AMAFELANE

NE NGCAWA

Engagqitwa nayiyipina apa e Koloni ngobuhle. Yena utengisa ngenani elilinganayo ko Ntsundu nako mhlope.


## Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi saziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impabla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti ima- li kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

THOS. MORIARTY.
5 August, 1886.

## ISAZISO.

UKUZE kungehli bubi nankatazo kolunga kunene ukuba bonke abanezikweliti kulesiminari bazihlaule kwakwisituba seziveki zintandatu ukusuka kolwanamhla.
Kwi Semnari yase Mgwali
(Clarkebury),
21st October, 1886.

## Iveki.

UYACELWA wonke umzi ukuba ulinge kwangalenyanga uyifinyezele ekupeleni kuka December lo imali yepepa. Nentwana encinane iyakwamkelwa.

JNDODANA entsundu ite xa ingenayo evenkileni yase Cumakala yalitsala ihashe layo yangena nalo, kanti omdala akasabo- ni utye kakulu umqomboti emtshatweni.

KUFUNWA ititshala yentsapo emhlope e Gcuwa ukuba ize ingene ngo January, um- vuzo yi £150 ngonyaka.

AMANGESI abe simba igolide e Dodoloro, e Katikati, nakwi Drankensberg ancamile ngoku. Agoduke selezinkobonkobo kudana kuba engayifumananga.

U BOYA busene mali kumsito *omkulu* wase London into eyakubupitizelisa kukusuke life ilizwe kuba lindaba lonke.

UMPATI weli 'bandla lihamba livuma lishumayela ezitalatweni (Salvation Army) uni- kwe inyanga entologweni etsala nzima e Birmingham. Ubemangalelwe ngokushi- ya umfazi wake- kanti kuko irafu ezifuna zibhatelwe. Ute ukuzipendulela yena usebenzela Inkosi akanaxesha lokugeina umfazi.

Kwi *Mpawana* zeveki egqitileyo ngesikolo sika Mr. H. Mbambisa u IV wenziwe u VI ngemposiso yabashicileli.

INCWADI evela kumbhaleli ose Jagersfontein iteta manyumnyezi kakulu ngesimilo sento- kazi etile elapo, nabantu abatile abatakata- yo ayinako ukungeniswa.

NOKO ikoyo indyebo kwelase Ngqushwa yona eyamasi iyodwa ifun' ukuxela laminya- ka ebisoku palazwa ezantsi komzi.

SIVA ukuba iwakulele intshutshiso amado- da ahlala emihlabeni yabe Lungu kweli pakati (ezi plasini) atinjwa etinjiwe, noko yinqaba ukufudukela ngapandle kwabanje abantu abamnyama. Eyonanto inkulu iba bambileyoyi nyama nekofu. Banqena imiqa kweli lade Maxhoseni.

IBOKISI izele zincwadi ezine ntlobo ntlobo zengxoxo ekufuneka zingene epepeni, yinqaba ke ukuzifaka kuba lincinane, somana ukuzi faka nganye ngatnbini noko akusoku- de kugwetywe zingapelanga.

ASIYIVA inteto yomzalwana u J. C. F. ozineoma ukuguquka obhala ese Mdizeni,

ABAMKELI be *Mvo* abate batunyelwa izaziso ngamatyala abo, baboti xa babhatalayo batumele ezo zaziso eziyakwenziwa ilisiti ukuncipisa inkatazo.

PAMBI kwe Mantyi yase Mtata ngomhla we 18 Oct. kufike udaba lokuba u Menziwe ipo- lisa, limdubule umntu ebeliye kumbamba u Hanga obenyatele amahashe. Ute esaku. baleka okokuqala ladubula izikoti ezibini limposa wabuya wabanjwa ; wapinda waba- leka, lamqengqa pantsi. Inteto yelotyala isatunyelwe kwi Gqweta le Nkosazana e Rini u Hanga uwavumile amahashe pambi koku- ba aqauke.

LIFILE pakati kwama Putugezi nabantu abamnyama base Nyambane pakati kwe Africa.

I RULUNELI yase Natal ivakalise e Palamenteni ukuba u Rulumente we Nkosazana walile ukuba lipatwe yi Natal elakwa Zulu, nokuba yona i Ruluneli yase Natal iyala ukuyityila inteto ebinayo nezitunywa zama Bhulu. Ite ukuqumba i Palamente yala nayo ukuba kubeko imali ka Rulumente ecitelwa ukuquba umsebenzi welizwe.

INTLAULELO ye *Mvo* zisheleni ezintatu nge Kwota, oko kukuti ngenyanga ezintatu, xa umntu atenge izitampu wazitumela kwa isaqala iKwota; zintatu zinesikisipeni xa itunyelwe emva kweloxesha. Mayingalityalwa lonto ngabahlobo betu!

UMNTATELI lo wagwetyelwa uku xhonywa yi Jaji -ekayapa uyaku xhonywa ngom- Gqibelo ozayo kusasa ngentsimbi yesibhozo.

PAMBI koknba zingene ityalike ngale Ca. Wa igqitileyo (Oct. 31) kuhle ingozi embi emntwaneni ka Mr. Jafta Macaula wase Debe lika Madubela. Uyise abelele nzima ngumkuhlane, unina elungiselela ityalike babona engaseko umntwana, inkwenkwana eminyaka mitatu ubudala u Cornelius ngegatna. Kufuniwe safunyanwa isidumbu sesidada equleni elise kaya, sekudala eraxiwe kuba eloqula linobunzulu. Siyabakuza aba- zali.

AMATAPILE amatsha aseletengisa emarkeni ingxowa ihamba eshumini lesheleni.

AYAWA gilana Amangesi ukuya e Swartpoks ngase Tinara apo kutiwa kubonwe indawo enamatye anegolide.

INCINIBA e Tsurini zitengiswa ngeponti ezintatu nezine inye ngoku, ekubeni ibifudu- la itengwa ngesixenxe nesibhozo seponti inye.

UMFO oti ungu John udliwe ihafugolweni yimantyi yalapa ngolwesi-Hlanu olugqitileyo, engenayo ahlale intsuku ezintlanu entolo. ngweni ngokusuke axabe endleleni ekuha- njwa ngayo ezitalatweni. Amaqaba anesiko lokubuta endleleni yenyawo.

UMKOSI ka Rulumente obulapa e Qonce upume ukumka komhla ngo Mvulo ukusinga pesheya ko Mtata. Ate noko alibete kamna- ndi igubu nkunduluka kwawo alabinandawo inomsindo ixela ukuba baya entweni, kufane kwalula.

BANINZI abamkeli be *Mvo* abaman' ukucinga ngokubhatala amatyala abo kwelipepa ze kude kugqite ixesha elide ingabhatalwa- nga. Iti yakubaninzi imoyise, kanti yandi- swe " kucinga " ungenzi.

INCWADI ependula u J. D. M. ngentlanganiso yase Tshungwana yobonakala ngeveki ezayo.

ABAFUNDISI na Magosa e Ramente ya Mabhulu bavunyelwe ngu Rulumente ukuba xa babamba ngololiwe besiya kwintlanganiso yaba Fundisi mababuye kwangetikiti yoku- ya yodwa bangaroli nto ngapezulu.

IPEPA lakomkulu i *Gazette Extraordinary* elisand' ukushicilelwa livakalisa imvume yo Rulumente we Nkosazana ukuba elama Xesi. be lihlonyelwe kule Koloni ukutatela kumhla wa 25 ku October 1886.

ABANTWANA bayapela zingozi. Ngeveki egqitileyo kweyele esizibeni e Qora intombazana encikane ka Mr. L. Brown yacolwa seyiqaukile.

IMALI engeniswe ngu Rulumente ngo Lo. liwe inyukile ngale kwota igqitileyo kuneyo. mnyaka ogqitileyo kwangale kwota ka September. Eye rafu isepantsi.

LOWA Mlungukazi u Mrs. Scheepers, wati akusohlwaya isicakazana sake wasibeta sihambaze esibopile amehlo lite i Gqweta le Jaji makasiwe ezi Jajini e Rini.

UMZULU ongu Sikisipeni udliwe Yimantyi yase Bhayi isheleni ezintlanu engenazo intsu- ku ezisixenxe entolongweni ngokunxila. Ute ukuzitetela ube selela igama lake i " Si- kisipeni' watata itikana zambini qa, kanti yi bulanti engalungileyo yamnxilisa.

NGOLWESi-Tatu olugqitileyo Imantyi yase Kapa idle u Gomez i £20 nendleko ngenxa yenteto engcolileyo abeyiteta ngentombaza- na ka Solsman, pofu ekanyela. Kute nge- nxa yokuba masikizi kwenteto ka Gomez empulukileyo ngenxa yomsinda yasuka yawa ngqu isiduli lontwazana yagalelwa amanzi.

UKUNGQAWA nge mipu ngokuhlwa akulungile. Inkwenkwana ka Mr. Turner wase Mzimvubu idutyulwe nge lopisi ngu Mr. Streeter bezingela imivundla ngocoloti za- ngena etangeni lwajunye ukozo olungene esiswini. Kuko itemba lokuba iyakupila.

U RULUMENTE wase France ulingxamele ilizwe lase Jeputa, ate Amangesi makakwe- lele kulo anga catshazelwa ligazi.

NAMHLA singena kowe sitatu umnyaka iko *Imvo.* Aba hlobo bohlanga mabomelele lomfana wabo ungu *Mvo* ngati amatemba afun' ukuba makulu.

SILUSIZI ukuva ukuba umhlobo wetu u Rev. D. Malgas wase Bhayi uyafa kunene. Wangamana angabuya abuyele empilweni yake.

SELIQALILE impi Entsundu e Kokstad ukungena edinisweni ukunceda u Rulumente koludusbe lukoyo nama Mpondo.

UMNTU obehliwi yingqakaqa Eskapu ubuye wapila. Ayiseko ke kuba yayihle yena yedwa.

KUKE kwana amatontsi amnandi pezolo pezu kokuba bona abantu abamnyama besiti ayize yana imvula xa impondo zenyanga zikangele pezulu.

## IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, NOV. 3, 1886.

unyaka OLUSUKU lwesitatu wetu Wesitatu ku Zibandlela (3 Nov.), lusuku ekwazalwa ngalo *Imvo Zabantsundu;* ngokoke siqala namhla umnyaka wesitatu. '

Sibulela umzi osixhase ngelixesha libi lidlulileyo. Siti maungadinwa kusixhasa kuba ngokuxhasa *Imvo* umzi uxhasa ilungelo lawo. Elipepa lidale intshukumo enkulu kumzi omhlope ngokumela imfanelo zaba- ntu bakowetu ngokalipo. Liyakuteta lingagushinto pambi ko Rulu- meni nabamhlope xa amalungelo omnyama anyatelwa ngenyawo.

Woba usihlaula ngokwaneleyo umzi ngokuti wona usixume nge- nkozwana ezimiselweyo. Sisafuna kungene iqela elitsha labantu size kulenza likulu ipepa, kuxoxwe. I- mali yenu, amagama amatsha—ma- sibe seso isililo sabo bonke abanga ingema imi *Imvo* pambi kwezipata- mandla napambi komzi. Huku ! Putumani ezenzweni mab a n d 1 a antsundu akowetu. Ukudwekesha akugqibi nto.

HAMBANI ! PAMBILI !!

## Amanqaku.

SICELWA ngabantu bakwa Qoboqobo ukuba sibhengeze uburalarume obuqu- tywa ekubutweni kwe mali yamapeke- peke engamatyala. Kukade kuquqwa kuya kubikelwa lono bhala uhlala kona asuke ati tshizala. Kubuzwa ukuba um- quki wale mali umelvve nangumteto uku- biza ixabiso alitandayo nge nxamleko zake, nokokuba kuko inani elimislekile- yo na angenako ukubiza ngapezu kwalo. Umbhaleli wetu uti ukalazela lento yokuba ubemelwe kurola ishumi wati ngokugqitelwa lixesha waselemelwa kurola ishumi elinambini lesheleni. Endaweni yalonto usuke wanyanzelwa ukuba arolo iponti enesihlanu. Akubonakali ukuba kuko indleko angena kuzo umquki ekuyi hlanganiseni kwaka lemali kuba lomntu udlelw' indlala bamelene naye. Into efunwa ngabantu kuknba lento ayipendle u Rulumente, kuba sebe zilungiselelo ukuyipendula. Tina sicinga ukuba esi sicelo ngesisatyelwa kuba senziwa ngo- moya otobekileyo entweni ebonakala mhlope ukuba yefanele ukupendulwa.

EZIZIPITIPITI kutiwa zamana ukubako emideni yalama Mpondo noma Xesibe zine mini ezoze zibangele imfazweyezi- zwe ekubonakala ngati akuko bani uyilu- ngiseleleyo. Yonke lento ibangwa bubu- tshitshi balo Rulumente wase Kapa osuke wasala islcelo sama. Mpondo xa abe siti lento mayi tetwe ilungiswe kukangelwe lomnqopiso mtsha nezimeko ezikoyo ngoku eseziguqulekile. Akuko mfazwe ino- kwenzwa nama Mpodo imali inqabe ka- ngaka; obubu pitipiti bumana ukweuzi- wa ngabantu be Nkosazana nama; Mpondo ekude kwatiwa imikosi mayi qame- le ngentonga, kuya kupelela ekubeni life. Esokugqibela isipitipiti sehla ngolwsi-Ne olungapaya kolugqitileyo. Ngoku ke ihambara imi. kucitwa imali ekuhlanganiseni imikosi, akwazi bani ukuba lobuye liti cwaka ninina no Rulumente ngokwa- ke akazi.

SIYAMKELE ngovuyo eyokuqala iGrammar yesi Xhosa eyenziwe ngu Rev. James McLaren, M.A., we Semnar yase Ngqamakwo. Ekuyi bhaleni kwake ujo- nge ekubeni ibe luncedo " kwabanga ba- ngalwazi olu lwimi nokuba balufundela ntonina. Kanjalo ize ibe luncedo etitsha- leni xa ifundisa umfundi Ontsundu ukusekwa kwenteto yakowabo etyebe kunene ne vakalamhlope kunene ngohlo- bo lwe Grammar." Asikazi ukuba upu- melele njanina kulomsebenzi wake, ukuze umntu abe nezwi aliposayo ngawo angake ayilese nge nyameko yonke. Yi- ncwadi emapepa alikululine shumi lina mbini. Abafundi betu soke sibenzele amanqaku ngayo kamsinya.

AMALUNGU Embumba ya Mabhulu yesiqingata sase Mpofu oyisiwe kwilinga abelenzi- le lokubulala amagama abantsundu evotini (abantsundu kutetwa nama Lawu). Lonto yoba ludaba olumnandi kubalesi betu. Umbhaleli wepepa lase Rini ; Journal uti ukuyibahsa kwake ; " Idabi lonyulo laliwa ngolwesi-Bini umhla we 19 October. Yaba yinkungu nelanga abanyuli abantsundu nga- lomini nelandelayo kwidolopana yase Mpofu. Umongameli we Mbumba ya Mabhulu ake- zanga ngolwesi-Bini, lowo mtwalo wokuve. lisa izisatu awabulawa ngazo amagama abantu wasala no Mr. M. Botha nabanye ababini. Kona ngomhla wokuqala babutyu- za impela yati nempi awaye tembe yona u Mr. Botha yambaleka yazimela yagoduka yamshiya esikateni; basuke baba yintlekisa. Ngolwesi-Ne kwafika u Mr. N. Barnard Umongameli we Mbumba, wati emantyini yena ubelahlekiswe ngabanye abantu. Aku- bulawanga noko lilinye igama ngapandle kwawabantu abafudukileyo nasebefile. Impi entsundu izidla kakulu ngoloyiso lwayo ku Mabhulu kuba kungene amagama amaninzi amatsha. Lonke eloxesha imantyi ibonaka- lise umoya omhle wokungabi naluketo; nokunyameka ukuba kungabiko uyakudleleka."

NGOLWESI-BINI oluzayo Nov. 10 imantyi yase Ngqushwa iyakupulapula izizatu abu- lawa ngazo amagama abantu abamnyama evotini ngabelungu base Ngqushwa. Ama. wetu sisati tina akolosile oko afune umfo ka Innes nje ukuba awamele kuba ngomnye wabateteleli abanamandla apa. Abantu ba- ya kukutazwa naleli dabi lisand' ukuliwa Empofu ; maze kodwa bapaule ukuba nkulu kwento yokuba babeko bonke ukuya kupiki. sa inteto yentshaba kuba fumane zifunisela nje azazi nto.

KUVAKALA ukuba leya ngqugqutela yomkosi wama Mpondo onga alishumi ibikomkulu ibuye yati banga Jgokwenkungu ; kubonakalake ukuba kufumane kwamoshwa imali yezi alam ezirafayo ngaleya mikosi ibiseyi sondezelwe kona. Lento yase Ma- mpondweni ngeyilungiswa ipele, yinkatazo ukuti kusakubako intlanganiso esazulwini sela Mampondo abe sele mapikana u Rulu- mente wase Kapa. Wona umoya wamapepa alapa e Koloni ngowokuba makuliwe ne *Cape Argus* ityekele kwelokuba malife. Kama- pepa apambili yi *Journal* ne *Cape Times* angafuni mfazwe. Sekumi ngoluhlobo nje u Rulumeni ngelebiza i Palamente ukuba idibane eve izwi labantu pambi kokuba azi- gaxele elulwandleni lwendleko ebingalungi- selelwe. Nokuba lifile nama Mpondo akuko nto iyakuzuzwa yile Koloni.

SIYAVUMELANA nalenteto ilandelayo yenziwa yi *Journal,* apo sahlukana kona nayo

ness, which alone can do honour to himself, and add fresh lustre to the illustrious list of Knights Com- panions of the distinguished Order of ST. MICHAEL and ST. GEORGE, to which he is the latest addition.

## Editorial Notes.

AT the Stockenstrom section of electoral division of Fort Beaufort Bond had lodged objections against a large number of the coloured population to Become voters. The Revising Magistrate sat at Seymour on the 19th ultimo to adjudicate upon the objections, the result, as stated by a correspondent. of the *Journal,* will be interesting and inspiriting to our readers. The writer says: '' The electoral battle, as it was called, came off on Tuesday 19th inst. The coloured electors turned out very strong, and the village of Seymour was quite astir on this dav, and subsequent days. The President of the Bond did not put in an appearance on Tuesday, but left Mr. S. M. Botha and one or two more to appear and raise objections. The first day's proceedings were a miserable failure. Some who, Mr. Botha thought, would be able to back him up in his objections fled, or rode off home, leaving him alone to get out of the difficulty the best way he could. The objectors at last became ashamed of the cause they had taken in hand, and were simply ridiculed for their inability. On Thursday 21st the Bond President, Mr. N. Barnard appeared on the scene, but not to object, but to inform the authorities he had been led astray by others, and wished to withdraw his objections. So the voters lists remain as they were, except with a good many more additions. No erasures, only those who are dead or have left the district. The coloured electors seem proud of their victory, and feel certain they are able to hold their own against the Bond members. During the whole time our respected Magistrate displayed that impartiality for which he is so admired; always painstaking in trying to dispense justice to everyone."

THE Magistrate of Fort Peddie sits on Tuesday next (10th November) to dispose of objections urged by the Peddie Europeans against our people. The natives have, we think, taken the best security it is possible for them to take for the fair and satisfactory trial of their cause by engaging Mr. Rose-Innes, one of the best Solicitors in town. They may well take courage from the Seymour proceedings, and note the importance of attending to combat the random statements of their enemies.

IT now appears that the reported mobilisation of the Pondo army of 10,000 was a Will-o'-the-wisp, and the money of the poor taxpayers of this country has simply been spent in pursuing it. Surely when a peaceful demonstration of the Pondo army in the heart of that country sets the Cape Government by the ears, it is time an understanding were come to. But the consensus of opinion in the colony as ex? pressed by the newspapers, is for war. Even the *Cape Argus,* for once, is of a bellicose turn of mind. The *Journal* and the *Cape Times* of leading colonial journals are alone for peace. This being the case, Government should summon the representatives of the people and take their sense before embarking on unauthorised expenditure. From a Pondo war the Cape will gain nothing.

REFERRING to the Pondd scare our contemporary the Journal makes the following remarks in which we concur, with the exception, of course, that we don't think that Mr. Brownlee and Mr. W. Ayliff could be expected to do justice where the Pondos are concerned seeing that they were both mixed up with the creation of the present Pondo tangled-skein, Mr. Chalmers is, however, on neutral ground, and being a pupil of the late Colonel Maclean, C. B., in native affairs administration, we think much good would be done by him if he were appointed Special Commissioner to go into this Pondo embroglio. We are satisfied Mr. De Wet might do worse than appoint Mr. Chalmers. Says the *Journal* .—"Our contention is that the Pondos have had some wrong at our hands, and very scant courtesy when they remonstrated. And even now, however great is their folly in making reprisals upon the colonial subjects who have just been raiding in Pondoland, it is a monstrous thing that our Government does not keep the peace, as it easily might, on its own border. If Baca-Xesibedom knew that its inroads and exploits with colonial rifles were utterly distasteful to the Government, it would speedily settle down in quiet. Once more we would urge cannot our Government as it is stout, be merciful? We have men like Mr. Brownlee, Mr. W. Ayliff, Mr. Chalmers, and more who could be mentioned who could go Up to Pondoland, and either bring this embroilment to a fair conciusion, or else leave the Pondos SO utterly in the wrong that nobody could in future plead for them. This is the proper way to deal with the Pondo difficulty, and we would earnestly press upon Government the adoption of such a plan.

COMMENTING on Sir Gordon Sprigg's elevation to a title, the *Journal* makes the following pertinent observations : "Without any malice against Mr. Sprigg, we, defy anyone to show that the present is a time when his conduct of public affairs have been either meritorious or successful. After a Parliamentary Session, which is regarded even by his friends as the most disgraceful this Colony has yet seen and leaving his own department of the finances in unparalleled disorder, he sails for England, and is forthwith decorated by an admiring Sovereign. If it was not for recent services to the Crown, was it for previous merits that he received this honour? Was it the journey to Bechuanaland, undertaken with the express object of thwarting the Home Government, or was it the Basuto war, that has appeared so worthy of some signal mark of the Queen's favour? We are not seeking to comment unfavourably upon bis promotion, but simply to show that the honour is worthless, because it is not fairly or discriminatingly bestowed."


# AMAYEZA

ADUME KUNENE,

## JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Bnziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kauleza uku nceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwe- nziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifune engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).
Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe oka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo Iwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).
Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).
Elingoyiswayo zingqangqambo zamatambo, no- ku beta kwentloko.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI OBARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).
Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu nkuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omti okupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu neziny inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).
lyeza elilunge kunene kwizifo zokuba butataka, nokungatandi nto ityiwayo.

UBUGQI (Magic Healer).
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonnda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine).
Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebu- hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).
Lisetyenzisiwa neli kutiwa " Lelona " xa isifo sokuhamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezi- tofilana ngazinye, eziti zakulundelwa ngokufeze- kileyo angaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esi- rweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguye ngebhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwi- nkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA

*E Qonce-Dyer &* Dyer, Malcomess & Co., D. Drummond & Co.
*E Ngqamakwe—Mrs.* Savage.
*E Monti*—B. G. Lennon & Co.
*E Rini—E.* Wells.
*E Dikeni—R.* Stocks.
*E Komani*— Mager & Marsh.
*E Bhayi*—B. G. Lennon & Co,
I kaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala..

THE

## "CAPE MERCURY."

Ipepa lesi Ngesi engelitatyatwa nga bantsundu abafundileyo.

*Lipuma katatu ngeveki apa e Qonce.*
Umrumo: 9/ ngenyanga ezintatu kwesi sixeko 12s. ngapandle. 30/ ngonyaka apa xa ehlaule kwasentloka 42/ ngapandle.

## W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa?
*e.Town Hall, Kwisitora esinga pantsi ese~ sitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni.*
Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

## J, E. L. KULLING,

## New Street, E-Rini,

Lendlu imiselwe ngokukodwa ukuba ibe yeyo kusebenza nokunyanga nge-a miti embiwa kweli lizwe, enyanga zonke izifo zamadoda neza Mankazana, nokuba umntu simhla bumini nokuba sise gazini na. Lemiciza yenziwa ngemiti yeli lizwe. Nokuba umntu selelele ngendlu sisifo sokunga- palazi iyasipilisa. Linokutumyelwa nge posi-. xa umntu aliyalezileyo, Litanjwe kakulu.

YIYANI KWA

E QONCE,
XA SUKUBA NIFUNA—
Izikonkwane—Into Zokusebenza
Imela ne Folokwe
Ikoyi—Ikomityi ne Pleti
I Lampi
Impahla Yendlu Yonke, njalo njalo

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

# Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle!

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

# Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA

INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.
Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa Nakwa-Ndabakazi
HEDENI. . Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwq, Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southey- ville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.
Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

## JOHN J. IRVINE &, CO.

## QONDANI

UKUBA lo Ugama lingase zantsi umiselwe ukuba ngu Mteteleli we Marike
Oncedisayo, enikwe ne gunya loku tengisa zonke intlobo zempahla ehambayo nezinqwelo kulo msito wase Qonce. Ngoko ke ucela abahlobo bake
abantsundu ukuba bazi zise kuye impahla zabo abatengisele. Uyakuhlala esenza ngako konke ukuba abafumanisele elona xabiso lipezulu lase markeni. Xa impahla ingatengwanga akusokubizwa nto, xa itengiweyo imali yayo ifumaneka kwasemva kwe fandesi. Ngoko ke yiza, xelela nezihlobo zako ukuba zizise mhlaumbi zitumele inkabi, nemazi, namatole, namahashe, negusha, ne hangu, yonke into e Qonce ku

## O. DONIAN,

Umteteli Marike Oncedisayo.

Oyakuku nika nelona cebo lipilileyo lokutengisa ngokutya kwako ngexabise elipezulu le Marike.


## BONISANI.

IPONY empemvu ebomvu, emanqina amhlope omane. Umsila usinqundu. Linendawo ekutukileyo eluteteni. Ondllandisileyo

CALEB MAHLUTSHANA.
East London, 27 October, 1886.

## Abatshatileyo.

SAKUBA—PAMLA.—E Qonce, ngo 26 October (Lwezi), 1886, kutshatiswe ngu Rev. Charles Panda (U Sontombi), encediswa ngo Rev. G. Kakaza wase Debe, no Rev. Jas. Benj. Sakuba (Usosoka) u BENJAMIN, into enkulu ka Rev. J. B. Sakuba, wase Sauerville, Engqushwa, no ANNIE MARGARET, intombi enkulu ka Rev. Chas. Panda, wase Qonce.

SMITH—MONNAH.—Kutahatiswe, e Goshen, ngo 29 September, 1886, ngu Rev. J. G. Stephans, u JAMES A. SMITH wase Cathcart, no M. J. C. MONNAH, intombi yase Goshen.


## M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,
*E-Bhulorweni nase Durban Street.*

Ngoku bazilungiselele ukurola awona maxabiso makulu

*Ngoboya, Nezikumba, Zenkomo,*
*Nezebhokwe, Nezegusha.*

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye isinto ezitengisayo. Kuedolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into-_______

KWA G. WHITAKER, kwivenkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile njalo-njalo, njalo-njalo.

Zaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

# Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqa qambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

*Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba-Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.*

Benjenje ukulincoma ubake balilinga
"Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendinenyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukulisela, ndapumla kamnandi ebusuku, into ebendineveki ndi- ngasayazi, ngoku ndipilile."
Wenjenjo wumbi:—" Eliyeza lindipilise ngokungumangaliso. Bendibulawa sisinqe inyanga ezintandatu kangangokuba beku- suka kube yinqaba ukuma ukuba ndike nda- hlala. Bendingasena kutoba kuba bendi- ngeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."
Omnye uti:—" Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintlokoleminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindincede kanye."
" Ndingarola," utsho omnye, "iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqi. tileyo ndite ndakunatatela ibotile yokuqala umfazi warn, wabengana kupakama ekoyeni nonyawo, enjalo inyanga ; ngalo Mgqibelo uhleli esitulweni."
Uti omnye: " Lindenzele kanye lonte ubute liyaknndenzela, uku ndipilisa ekutya- tyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela atnazwi okulincoma umntu, alisiyiyo inko- hliso njengamanye."
Yiyo 1e enye inteto : " Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basancedekile bonke aba. lilingileyo, andikeva mntu lingamncedanga

Ukuvakalisi imvo zabantu ngalo kunga- zalisa lonke ipepa.

*Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angalifumana kumninilo ngokutumela 3s. 6d. ngebotile, ongu*

## JAMES JONES,

*46 LONG STREET, CAPE TOWN.*

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu uoelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK — Elika lyeza Leslsu Nokusaxazo. 1/6 ibotile.

COOK — Elika lyeza Lokukohlela (Lingamafuta), 1/6 ibotile.

COOK — Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile,

Elika lyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK — Ezika Ipils- 1/ ngebokisana,

COOK — Eka Incindi Yezinyo, 6d. ngebotile..

COOK — Oka Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK — Oka Umgutyana Wamehlo, 6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

## ISISULU.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisisulu ! Isisisulu ! e Qonce ukangela emarkeni.

## HARTIGAN & CASEY,.

## Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla ehambayo kanye nge nyanga e Mtonjeni nase Balini. Yonke imiso emva kwe malike batengisa impahla ehambayo nokuba yekabanina. Ubani uyinikwa emva kotn 'to imali..
E Qonce, 20 July, 1886.

## J. WARWICK TAINTON

UNYANA KA MJACU,

Ungu Mteteleni Ematyaleni,
*Nombhali we Mvumelano,*


NGUMFO oyaziyo inteto kwana masiko Esixhosa. Unokumela umntu kumatyala entlobo zonke kwi ofisi yase Mtata ku Mqanduli nase Elliotdale (kwa Bomvana). Izibheno uyakuziquba pambi kwe Mantyi--nkulu Emtata.

Lishicilelelwa umninilo, u JOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BROTHERS, Smith King William's Town.